

Amanqaku oMhleli Ubulungisa babalobi ngoku!

UKUPHUNYEZWA komgaqo-nkqubo wezokuloba kwabakhasayo yimeko yakudala yaman-yathelo alishumi ukuya phambili nalithoba ukubuya umva.

Ngelixa inkqubo ngoku ikwisigaba sesithathu sezigaba ezihlanu, izithintelo ezin-galindelekanga nezimoshayo zivala indlela.

Ngoku abalobi abakhulayo bajongene nezi ntswela-bulungisa zilandelayo.

- Ibhaskithi yoovimba ekufuneka yabiwe phantsi kwe-SSFP; Uninzi lwamalungelo kulo nyaka lwaya kwicandelo lokuthengisa kwaye ibhaskithi yabakhasayo iyancipha. Oku kukunyhashwa kwe-Amended Marine Living Resources Act (i-MLRA)
- ISaziso seGazethi kaRhulumente kaSeptem-ba 16 esifuna ukunyina amalungelo oku-loba phantsi kwe-SSFP kwiminyaka emith-athu. Abalobi banoluvo lokuba ukuloba kwabakhasayo lilungelo elisisithethe kwaye futhi akukho qingqo lwaxesha lunokube-kwa kumalungelo azizithethe.
- Inkqubo yobhaliso noqinisekiso eyinxenye yophumezo lomgaqo-nkqubo we-SSF. Uluhlu lwakuqala lube nokuphikiswa kwaye lubangela ukubhideka kubalobi. ICoastal Links imemezele abalobi ukuba babhene kwaye ibone inkqubo kwisiphetho sayo esiqiqisisekileyo. I-DAFF igxininise ukuba uluhlu lolokubambisa kuphela.

Umgqo-nkqubo wezokuloba kwabakhasayo (i-SSF) ngumgaqo-nkqubo olungileyo. Unika icandelo ukuqondwa ngokusemthethweni okokuqala, uyashenxa kwinkqubo yesabelo somntu yedwa esimoshayo uya kumalungelo ngokuhlengeneyo kwaye ukhuthaza uxhobiso olusisiseko.

Zonke ezi ziithiyori nje kuphela ukuba azikhatshwa luphumezo olubanzi. Kwaye ke oku kulapho urhulumente abuya nganeno kakubi khona.

Uluntu kwilizwe jikelele luthabatha inxaxheba ngeendlela ezahlukeneyo zentshukumo ukuqinisekisa ukuba umgaqo-nkqubo uphunyezwa ngokubanzi ngokwayamene nomthetho nokuphumeza ubulungisa bezentlalo.

Ngelixa sikhetha intsebenziswano nentembo macala, asiz'ukumela emva ngelixa thina beengingqi zabalobi kunyashwa amalungelo ethu oluntu asisiseko. Phambili ngentshukumo kude kubekho ubulungisa.

Abalobi bathatha izigqibo nanjengoko amalungelo esemngciphekweni

ABALOB I kuwo wonke uMzantsi Afrika bayalwa kuba iSebe lezoLimo, amaHlathi nezokuLoba libonakala ngathi libeka amalun-gelo abo okufumana iimpilontle ezizinzileyo emngciphekweni, ngokuphumeza umgaqo-nkqubo wezokuloba kwabakhasayo (i-SSFP) ngendlela apha eliyibona ifanelekile kwaye hayi ngendlela ekwakugqitywe ngayo ngumyalelo weNkundla kaMakulingwane nabaqulunqi bomgaqo-nkqubo.

Abalobi benza intshukumo yesininzi, bebeka amalungelo abo okuloba ngokung-qingqwa kwi-ajenda yoluntu lwaseMzantsi Af-rika ngokubonakalisa ugwayimbo ePalamente ngoLwesihlanu kuNovemba ngomhla we-25, xa iPotifoliyo Komiti yezoLimo, amaHlathi nezokuLoba yayinomamelo-zimvo zoluntu kwezokuloba kwabakhasayo.

Abalobi babekulungele ukungena nzulu ezipokothini zabo ukukhusela amalungelo abo eempilontle ezizinzileyo nokubuyisela isidima sabo njengabalobi.

Ukusukela kowe-1998, ngokwaziswa kwe-Marine Living Resources Act, abalobi abakhasayo bazibona bengenantlutha neem-pilontle ezizinzileyo.

Amalungelo abalobi abakhasayo abekelwe bucala kwaye ngokuhamba kweminyaka, ku-bonakala ngathi amalungelo abo ajongelwa phantsi kwakhona.

Ngowe-2005, xa abalobi abakhasayo bathi basa urhulumente enkundleni yamaty-ala ngenxa yokucalucalulwa kwecandelo, iNkundla kaMakulingwane yayalela ukuba umgaqo-nkqubo wezokuLoba kwabaKhasayo (SSFP) usekwe ukubeka emthethweni ican-delo.


INkundla kaMakulingwane ngowe-2007, yayalela ukuba urhulumente aphuhlise umgaqo-nkqubo wabalobi abakhasayo.

Lo mgqo-nkqubo uthathe iminyaka ukuphuhliswa, kwaye amalungelo exeshana awobelweyo, asavalele ngaphandle icandelo elikhulukazi labalobi.

i-SSFP uyilelwe ukubuyisela isidima saba-lobi abakhasayo, ukunika intlutha neempilontle ezizinzileyo.

Umgqo-nkqubo kufuneka unike amalun-gelo ngokuhlengeneyo kubalobi kwaye unike abahlali ibhaskithi yoovimba baselwandle abaza kuthi ngayo baziphilise.

I-DAFF ithatha ixesha elide ukuphumeza



Amalungu akwa CLSA ekhankasela amalungelo abo ekapha

umgaqo-nkqubo, ibangela iinkxalabo nentandabuzo phakathi kwabalobi.

Basakube ekugqibeleni beqalisile uku-phumeza umgaqo-nkqubo, ubungalunganga kwaye bawuphumezile ngendlela engangq-inelaniyo kwiingingqi zabahlali ezahlukeneyo.

Kwakhona, kwakule meko, iNkqubo yoLwabelo lwamaLungelo okuLoba ka-2016 (i-FRAP 2016) yaphunyezwa, kwaye iintlobo ngeentlobo zeentlanzi zabelwa imidla yokuloba yokuthengisa, kupheliswa okuLotyiweyo okuVunyelweyo kuPhelele kwelizwe (i-TAC) kweentlobo ngeentlobo zezidalwa, kuph-eliswa ngokupheleleyo isabelo se-TAC esimele ukuya kwicandelo lezokuloba kwabakhasayo phantsi kwe-SSFP.

IMasifundise/i-CLSA ikholelwa ngokungq-ingqwa ukuba i-DAFF kufuneka yenze ulwa-belo kuthathelwa ingqalelo onke amacandelo ezokuloba, kwaye kungenziwa ulwabelo kwicandelo lokuthengisa kuphela, kuze kushiyelwe okuseleyo amanye amacandelo kushishino lokuloba.

uqhubeka ku 3



Amazwi avela eluNxwemeni



Ron Gelant



Andries Klaase



Lungisile Tshume



Thozzi Mthiyane

URon Gelant, usihlalo weCoastal Links Melkhoutfontein

“Asinakufumana siphene kubalobi ebebeban-dakanyiwe kuluhlu lwabalobi abaqinisekisiweyo baseMelkhoutfontein, ingxaki ekukuphela kwayo kukuba oomama nolutsha lwethu bengabandakanyanga kuMgaqo-nkqubo wezokuLoba kwabaKhasayo. Oomama nolutsha lwethu baxelelwa ukuba abanakubhalisa njengabalobi. Abalobi ababeselwandle ngaloo mini yobhaliso nabo abazange bavunyelwe ukuba babhalise ngabameli.

Konke oku akunabulungisa, kwaye singabalobi siza kujongana nako. Abalobi bethu ababhalisayo kwaye ababandakanywa kuluhlu lobambiso nabo baza kubhenela ukungabandakanywa, kuba nabo banelungelo lokuba kuluhlu lokugqibela.”

UAndries Klaase, ilungu leCoastal Links, eHondeklipbaai

“Ayibobulungisa ukuba abalobi abadala ebebesoloko beloba ngaphezulu kweminyaka engama-20 kwaye abaxhomekeke elwandle ngokuphila, nabo ababandakanyanga kuluhlu. Abantu babhenile kwaye ngoku kungaphezulu kwenyanga, kwaye kwakhona asikeva ukuba kwenzeke ntoni malunga nezibhenzo zethu. Oku kubangela intandabuzo nenkxalabo. Ayibobulungisa. Kubonakala ngathi kuza kufuneka siye kwintshukumo yesininzi, kuba kubonakala ngathi oku kuza kuba yindlela ekukuphela kwayo urhulumente aza kukusimamela ngayo.”

ULungisile Tshume, eMpuma Koloni, ngenkqubo yezibhenzo nobhaliso.

Siluvile umemezelo lweMasifundise neCoastal Links ngokuphathalele kulandelo lwenkqubo kodwa asikazifumani iziphumo okwangoku. Siyathemba ukuba konke kuza kulunga kwaye uninzi lwabalobi bethu luza kukwazi ukuba kuluhlu. Asazi ukuba inkqubo iza kuhamba njani okwangoku kodwa siza kuqhagamshelana nequmrhu ukuba kukho naluphi na uncedo olufunekayo.

UThozzi Mthiyane, eKZN, eMgababa ngokulindlekileyo ngokuphathalele kuluhlu lwabalobi.

Njengabo bonke abantu abaphila ngokuloba, siyathemba ukuba abalobi bokwenyani baza kuphumelela. Njengoko nisazi kudala siphila ngaphandle kwamaphepha-mvume okuphila ngokuloba kwaye sifuna amalungelo okuzinzisa iimpilontle zethu. Siyathemba ukuba inkqubo yokubhengeza abalobi abalungeleyo ayiz'ukulibazisa njengokuba inkqubo yobhaliso noqinisekiso yenze njalo.

Ubuso ngoBuso

*no-Ayanda Yekani,
eHamburg, eMpuma Koloni*

Q Sixelele ukuba ubandakanyeke njani neMasifundise neCoastal Links

A Ngowe-2006 ndiye ndabandakanyeka kwi-CLSA, emva kokuba singazange saziwe yi-MLRA, siye ke sazibandakanya neMasifundise ukuze sifumane amalungelo ethu. Sagaywa nguMcebisi Kraai, umsebenzi wangaphandle welo xesha eMpuma Koloni.

Q Uloba phi kwaye zeziphi iintlanzi ozithandayo?

A Ndiloba emlanjeni nakulwandlekazi apha eHamburg kwaye ndisebenzisa intonga nomtya wokuloba. Intlanzi endiyithandayo yi-spotted grunter ne-cob. Ngelishwa kufuneka ndizipeke zonke iintlanzi zam ngenxa yephepha-mvume langoku eMpuma Koloni.

Q Unabo abantwana, umfazi?

A Hayi, andinamfazi, ndizihlalela ndodwa kwaye ndinentombi eneminyaka eli-19 ehlala nomama wayo.

Q Kokuphi ukutya okuthandayo nomculo ngokunjalo?

A Ukutya endikuthandayo yiyo nayiphi na into evela phantsi komhlaba kwaye eluhlaza - isipinatshi, ikhaphetshu, ilethasi. Umculo endiwuthandayo ngumculo wamaRasta ngenxa yomxholo oqiqileyo osoloko uwuqulathile lo mculo, kwaye futhi ngenxa yenkcubeko yomculo lowo.

Q Ingaba mhlawumbi unaye umntu onqwenela ukuba abe ngumzekelo wakho?

A NguGovan Mbeki ongasekhoyo- ngenxa yesimilo sakhe, ndakhe ndadibana naye kudala ngelixa ndandinguceba. Wandikhuthaza ukuba ndilwele amalungelo abantu kwaye ndingajongi isiqu sam kuphela ngokusukela ubulungisa



– wayengumkhuthazi wenene, inkokeli eyayisondeleebantwini bayo.

Q Phambi kwe-CLSA, wawusenza ntoni?

Ndandinguceba wangaphambili phantsi kwe-ANC.

Q Yeyiphi imingeni enijongene nayo ngoku nilisebe leHamburg CLSA?

A Mininzi imingeni esijongene nayo ngoku, eminye ingqalene nesebe lethu kwaye eminye ifana naleyo eminye imimandla yaseMaphandleni ejongene nayo. Le iquka intswela-ngqesho ephuzulu, kwaye kuba sisezilalini, imigan-gatho yemfundo iphantsi kwaye sikude kwiinkonzo ezidingekayo ukuhlangabezana nezidingo ezisisiseko zoluntu.

Q Uthini umyalezo wakho kubulungu obubanzi be-CLSA?

A Kufuneka sinyaniseke ekulweni idabi lethu lomzabalazo, masisoloko sisenza oko sikutshoyo. Ukuba senza isithembiso kumalungu ombutho, masisigcine kwaye sinxibelelane ngeenjongo zethu ngokufanelekileyo.

Ukuthi huntshukoomama abangabalobi

NguNosipho Singiswa

OOMAMA ziintsika zoluntu. Baziintsika zosapho kwaye bangabakhulisi bobudlelwane. Baphekela izisu ukutya, bazikisa ukucinga kwaye ngamanye amaxesha ukuba ayingawo amaninzi, bangabondli bosapho.

UMgaqo-nkqubo wezokuLoba kwa-baKhasayo ulungiselela amalungelo obuni nokubandakanywa koomama kwicandelo. Beme njengeempawu ezingundoqo ezintlanu zoMgaqo-nkqubo, oomama abakwicandelo baqondwa njengabadlala indima ephambili kwimisebenzi yaphambi nasemva kokuloba kwaye kwezinye iindawo abalobi bokuqala koovimba abakumandla okufutshane nonxweme. Umgaqo-nkqubo uchaza ukuba oomama phantsi komgaqo-nkqubo kufuneka:

1. Baxhotyiselwe ukusebenzisa amalungelo abo okuthabatha inxaxheba kulawulo loovimba baselwandle; 2. Baqeqeshelwe ukuthabatha inxaxheba kwintengiso, ukhenketho, ukufuywa kwezidalwa zaselwandle, kunye namathuba oqoqosho lwaselwandle ongezlelweyo; kwaye 3. Bamelwe ngokulinganayo kulwakhiwo lwamaziko.

Kwakhona, uMgaqo-nkqubo waseMzantsi Afrika uzinzisa ukhuseleko nokukhuthazwa kwamalungelo oomama kwaye nokubandakanya oomama kumaziko olawulo. Uwisomthetho olunje nge-Choice on the Termination of Pregnancy Act, i-Domestic Violence Act kunye ne-Recognition of Customary Marriages Act zidambisa ngokungaphaya umthwalo wembali yoomama eMzantsi Afrika.

Indima yoomama kwicandelo lokuloba kwabakhasayo kufuneka iqatshelwe. Ngemizabalazo ezingileyo abalobi abakhasayo abajongene nayo kwihlabathi jikelele, oomama benza igalelo kwizisombululo ezomeleza icandelo.

“Oomama badlala indima ebalulekileyo kuqhagamshelwano ngalunye lomzila wenguqulelo ekrwada kwezokuloba kwabakhasayo, nangona iindima zabo ezizezona zaziwayo zisekuqulunqeninakwintengiso yeentlanzi nezinye iimveliso zezokuloba. Esisimo-ngqondo socalucalulo lolwahlulomisebenzi ngokwesini oluphezulu (amadoda ayaloba / oomama bayalungisa)silungiselele indlela esisiqhelo ukuxhasa amalunge ezokuloba kwabakhasayo.

Ngokuthe rhoqo, le ndlela ijolise emadodeni njengabalobi, kwaye koomama njengabaqulunqi nabathengisi beemveliso zeshishini lokuloba. Nangona kunjalo, le ntetho isisiqhelo yenze ulawulo lwezokuloba ukuba lungabonakali kwamanye amagalelo oomama abalulekileyo kwiziko. Ngokwenene, iindima zabo kufuneka zigqithele ngaphaya kwasemva kokuloba nentengiso. Nangona kunjalo, ukusilela kokusetyenziswa kwegalelo labo elongezelelweyo kuphazamise, umzekelo, ukuthabatha inxaxheba



Amabhinqa badlala indima ebalulekileyo kwezokuloba

koomama kulawulo loovimba bezokuloba nokwenziwa kwezigqibo zomgaqo-nkqubo,” Lentisco and noLee, 2015.

Igalelo loomama kwicandelo le-SSF liqala ngo-3 kusasa xa abafazi babalobi bebalungiselela ukutya, ngoku ke emva kokuba ehambile aqalise ukuba ngumama wabantwana bakhe aze ke abalungiselele nabo.

Lo mama usuka kwimbali ende yabalobi yokuba ukuloba kwendele emoyeni wakhe njengoqoqa oluselwandle lwekoralelulele enzonzobileni yolwandlekazi. Ungumcoci weentlanzi kwaye wenza ikhari yentlanzi emnandi yesopholo. Ungumxoxi onguye futhi, ngelixa lasemini, phambi kokuba abantwana babuyise esikolweni, uxoxa iimbaza kwaye ngamanye amaxesha uza kuza ekhaya nenyekevu yaselwandle ukuze abantwana babe benqanda umphefumlo ngayo phambi kokuba batye ikhari ayenze ngentlanzi ebilotywe ngezolo.

Lo mama ngumququzeleli woluntu. Unyuka esihla edibanisa abahlali ukuba bathethe ngamalungelo abo okuloba. Uqhagamshelana namaqumrhu, iinkokeli zasekuhlaleni, oomasipala namasebe karhulumente ukuba bamamele izidingo zabahlali bengingqi yakhe. Unika ithemba nendlela yokuphila kubahlali bengingqi yakhe, uthethela abo bangenako ukuzithethela kwaye abalobi bengingqi yakhe bazityand'igila kuye.

Uyintsika yethemba. Uhlala ezitafileni aze abonisane norhulumente ngemiba ejongene necandelo lezokuloba kwabakhasayo. Ucela umngeni kwimigaqo-nkqubo neenzame zoshishino olukhululekileyo kwaye ukhusela amalungelo abalobi. Ungumthetheli kwiintlanganisano ezikwinqanaba eliphezulu ezisilelayo ukuqonda izidingo zabalobi, uphakamisa ilizwi lakhe, usebenzisa ulwazi lwakhe novelwano ukubanga amalungelo aze abuyisele isidima sabalobi abakhasayo nesabahlali.

Ngophumezo oluqhubekayo loMgaqo-nkqubo wezokuLoba kwabaKhasayo, ngoku ke kubalulekile ukuba oomama babandakanywe kwaye baxhamle kumgaqo-nkqubo, nanjengoko iindima zabo zingapheleli nje ekubeni ngabanakekeli bekhaya, koko ixabiso labo kwicandelo liliikhulu kakhulu.

**Inguqulelo emfutshane yeli Nqaku yaPapashwa kuqala kwi-The Hook, ulwazisolwendaba zarhoqo ngeveki olupapashwa yi-Masifundise Development Trust.*

isuka kwikhasi 1

Abalobi bathatha izigqibo nanjengoko amalungelo esemngciphekweni

Abalobi baqinisekile ukuba kufuneka baviwe kwaye babhalele kumphathiswa wezoLimo, amaHlathi nezokuLoba baza babeka ezi zinyanzelo zilandelayo:

1. Ngokukhawuleza ayeke lonke ulwabelo lwe-West Coast Rock Lobster(WCRL) kude kube ulwabelo lokuloba luyanikezwa kwicandelo lokuloba kwabakhasayo phantsi koMgaqo-nkqubo wezokuLoba kwabaKhasayo.
2. Ngokukhawuleza arhoxise lonke ulwabelo lweentlanzi ezilotywa ngomtya wokuloba, ukuqinisekisa ukuba ulwabelo oluhlangeneyo luyenziwa kumaphondo aseMntla, aseNtshona naseMpuma Koloni.
3. Ngokukhawuleza liyeke ukuphatha kakubi ngokukhetha, ukwaphula umthetho nokucalucalula abalobi abakhasayo ngamagosa okuthobela.
4. Ngokukhawuleza lahlule imida ekhethwayo eyodwa ukuquka nokurhoxiswa okukhawulezileyo kwayo yonke imithombo emelene nabalobi, kungabekelwanga bucala imiMandla yaseLwandle eKhuselweyo.
5. Ukurhoxiswa ngokukhawuleza kwe-GG #40286 ye-16 Septemba 2016. Amalungelo ezokuloba kwabakhasayo kufuneka aqondwe njengesiqhelo esisithethe kwaye ke ngoko akukho xesha kufuneka lihambe nesenzo sesithethe sethu.”

UNorton Dowries, umlobi wase-Langebaan, ukholelwa ukuba amalungelo abelwe ezokuloba kwabakhasayo abaluleke kakhulu ukudala iimpilontle ezizinzileyo kubalobi.

“Kum kubonakala ngathi ngoku kuza kubakho umngxuma kwibhaskithi i-DAFF eza kusinika yona phantsi komgaqo-nkqubo. Kakade phantse zonke iintlanzi ezilotywa ngomnatha nezilotywa ngomtya wokuloba zabelwe icandelo lokuthengisa,” utshilo uDowries.

“Kubonakala ngathi ngoku sisele kuphela neentlobo ngeentlobo zezidalwa ezinexabiso eliphantsi kwaye akukho namnye kwisebe onokusixelela ukuba yintoni eza kubasebhaskithini kwi-SSFP.”

“Iintlanzi ezilotywa ngomtya nezilotywa ngomnatha zibaluleke kakhulu ekukhuseleni iimpilontle zecandelo labakhasayo nanjengoko zinokusetyenziswa unyaka jikelele. Nangona i-WCRL iluhlobo lwesidalwa esinexabiso eliphezulu, kwaye ithandwa, ibakhona ngexesha elithile lonyaka kwaye inika ingeniso kuphela ngeso sigaba sexesha.”

Kubonakala ngathi ukulwela amalungelo okuloba okuzinzileyo bekuqinisekile ngqingqwa ngabalobi abakhasayo, kodwa bakhutshwe bejongile ngomzuzu wokugqibela.

Umzabalazo wamalungelo abalobi uza kuba mde kwaye uza kuba ngonzima, kwaye kufuneka bomelele, babambane baze balwe idabi lomzabalazo ukukhusela uluntu lweengingqi zabo.

Coastal Links kumaphondo

ABALOBI abakhasayo balwela imiba emininzi echaphazela icandelo kuzwelonke, ingakumbi uluhlu lokubambisa olusandula kupapasha lwabalobi bokwenene eNtshona Koloni, olukhutshwe liSebe lezoLimo, amaHlathi nezokuLoba (i-DAFF) ku-Okthobha ngomhla we-21, olubonakala lunyina amalungelo okuloba abalobi kwiminyaka emithathu. Ngezantsisisishwankathelo sokwenziwa yi-Coastal Links SA kumaphondo amane aselunxwemeni.

Intshona Koloni

Kwintlanganiso yephondo ye-Coastal Links SA (i-CLSA) yakutshanje yaseNtshona-Koloni, iinkokeli zabalobi zacacisa mhlophe ukuba ziyidanele i-DAFF ngezizathu ezininzi:

- Abalobi abaninzi bakhutshiwe kuluhlu lwephondo lwabalobi abaqinisekisiweyo olupapashwe yi-DAFF ngo-Okthobha womhla wama-21;
- Oomama, ulutsha nabakhubazekileyo abazange bathathelwe ngqalelo.
- Abalobi abangamagqala abaninzi, abaninzi abanamava angaphezulu kweminyaka engama-30 ekulobeni ababandakanywanga.
- ukuncipha kwebhaskithi yoovimba baselwandle eza kubakhona kumgaqonkqubo wezokuloba kwabakhasayo, ngokwayamene nolwabelo lwamalungelo oselunikwe icandelo lokuthengisa phantsi kweNkqubo yoLwabelo lwamaLungelo okuLoba ka-2016 (i-FRAP 2016).
- ISaziso seGazethi kaRhulumente No. 40286 yomhla we-16 kuSeptemba ka-2016, esifuna ukunyina amalungelo okuloba kwabalobi abakhasayo kwiminyaka emithathu.

Ukuphendula ngokukuko kule miba, i-CLSA yaseNtshona Koloni yenza isigqibo ngoku kulandelayo:

- Ukuba bonke abalobi mabahlale kwinkqubo, baze benze isibheno ngokungabandakanywa kwabo, kwaye xa iziphumo zesibheno zinokungonelisi kwakhona, ukuba abalobi bangathabatha amanye amanyathelo emva kokuba

izibheno zigqityiwe, ngeenkundla okanye ngenye indlela.

- Ukuba umphathiswa abandakanywe aze acelwe ukuba arhoxise ulwabelo esele lwenziwe phantsi kwe-FRAP 2016 nolwabelo lwe-West Coast Rock Lobster oluseza kwenziwa, kufuneka lurhoxiswe.
- Lonke ulwabelo kufuneka lwenziwe ngaxeshanye ngelixa kusabelwa iibhaskithi zokuloba kwabakhasayo, ukunqanda imeko apho icandelo lezokuloba kwabakhasayo lisabelwa iintsalela emva kokuba ulwabelo lunikwe icandelo lokuthengisa.
- Banyanzelisa ukurhoxiswa okukhawulezileyo kwe-GG #40286 kwaye nokuba amalungelo ezokuloba kwabakhasayo kufuneka aqondwe njengesiqhelo esisithethe ngoko ke akukho xesha kufuneka lihambe nesenzo sesithethe sabo.

Impuma Koloni

IKomiti eLawulayo yePhondo laseMpuma Koloni ye-Coastal Links South Africa yaba nentlanganiso kwaye kwaphakanyiswa imiba emininzi ingakumbi ngokwayamene nophumezo lwe-SSFP neengxaki abanazo ne-DAFF, eziquka:

1. Ukubonisana ngemiba echaphazela abalobi
2. Yintoni esebhaskithini okanye i-TAC yabalobi abakhasayo eMpuma Koloni?
3. Kwenzeke ntoni kwiprojekthi yeembaza kwiPhondo nokuba iimbaza ziza kubandakanywa na kwibhaskithi yeentlobo ngeentlobo zezidalwa ze-SSFP eMpuma Koloni?

I-PEC yaseMpuma Koloni yabhala ileta eya kuMlawuli wezokuloba kwabakhasayo uCraig Smith ukuba ajonge ukuxoxa ngale miba naye nesebe lakhe, uSmith nangona kunjalo wathi isebe lakhe alinakudibana ne-PEC. I-PEC isathathela ingqalelo indlela yokusa le miba phambili.

UMntla Koloni

I-CLSA yaseMntla Koloni yabamba intlanganiso yaza yachonga iKomiti eLawulayo yePhondo entsha (i-PEC), equlethe amalungu

amathathu aseHondeklipbaainamathathu asePort Nolloth.

Abalobi baseHondeklipbaai bazibandakanya kwakhona ne-CLSA emva kokungabikho kwiqumrhu ixesha elithile.

UMntla Koloni yayiliphondo lokuqala apho uluhlu lobambiso lwabalobi abaqinisekisiweyo lwathi lwabhengezwa, kwaye abalobi phaya bayigqibile inkqubo yabo yokubhena, kwaye balinde iziphumo zenkqubo leyo.

Kulindeleke ukuba iziphumo zezibheno ziza kwaziswa kungekudala, nanjengoko ababheni abaninzi befumene ii-SMS eziphathelele koko, kwaye iinkokeli ze-CLSA zicingela ukuba isiphumo siza kuba sihle.

Abalobi baseMntla Koloni basalindele amaphepha-mvume esiQabu seXeshana uku- akhutshelwe ixesha lonyaka elitsha, kwaye banenkxalabo kuba ixesha lonyaka le-West Coast Rock Lobster belimele ukuba selivuliwe kakade, kodwa abanakuphumabayokuloba ukuba abanamaphepha-mvume.

KwaZulu/Natal

I-PEC yase-KZN ye-Coastal Links yadibana ngo-Okthobha kwaye kwaphakanyiswa imiba emininzi, ingakumbi iinjongo zokwandisa iSimalangiso Wetlands Park, eza kwenza ukuba kube nzima ngakumbi kubalobi abahlala kwiPaki ukufumana iimpilontle ezibonakalayo.

Okubaluleke ngakumbi abalobi yay-ingabonwabisa into ngokucotha kophumezo lomgaqonkqubo wezokuloba kwabakhasayo (i-SSFP), emele ukuba yenze ukuba abalobi base-KZN bashenxe kumaphepha-mvume okulobela ukuziphilisa abawasebenzisayo ngoku.

INKulumbuso yase-KZN kubekwe enye endaweni yayo kutshanje, kwaye abalobi babona imfunekoyokuba i-CLSA kufuneka iqalise ingxoxo ne-ofisi yenkulumbuso ngemiba ebalulekileyo, kuba bebenobudlane nenkulumbuso yangaphambili.

Owona mba ubalulekileyo kubalobi base-KZN kukuphakamisa imiba eyayamene nophumezo lwe-SSFP, ebonakala kubo imisiwe.



Amalungu akwa CLSA kwintlanganiso yonyaka yama 2016 eKapa



Amalungu akwa CLSA ase Western Cape kumkhankaso ngo March 2015

UkuLawula ngokuHlangeneyo: Uphawu olubalulekileyo lomgaqo-nkqubo wezokuloba

KULE nguqulelo, i-FishersNet ichaza ngokufutshane umba wokulawula ngokuhlangeneyo nendlela ekungena ngayo kakuhle kumgaqo-nkqubo wezokuloba kwabakhasayo (i-SSF); msinyane kowe-2017, iMasifundise iza kupapasha imanyuwali yokulawula ngokuhlangeneyo eneenkcukacha ezibanzi enokusetyenziswa ngabalobi njengesikhokelo.

UMgaqo-nkqubo wezokuLoba kwa-baKhasayo ngumgaqo-nkqubo osekelwe kubahlali onike amalungelo kubalobi abakhasayo ukuba babelane ngoxanduva norhulumente ekulawulweni kweenkqubo zokuloba. Olu xanduva kwabelwana ngalo lubizwa ngokuba kukulawula ngokuhlangeneyo, ingakumbi ulawulo ngokuhlangeneyo lwezokuloba.

Ulawulo ngokuhlangeneyo yinkqubo ebandakanya iindlela zokuqhuba zedemokhrasi nolwabelo lwabaphantsi amagunya ngentsebenziswano nolwabelwano lwamandla phakathi kwabasebenzisi boovimba namagosa karhulumente (Pomeroy and Rivera-Guieb, 2006).

Ngokuka-Wikipedia, "Ulawulo ngokuhlangeneyo lwezokuloba lulawulo oluvumayo nolobambiswano loovimba baselwandle ngamaqela angabasebenzisi kunye norhulumente."

Abasebenzisi babandakanya abo baxhomekeke koovimba baselwandle ukuzinzisa iimpilontle zabo. Kweyethu imeko, abo ngabalobi abakhasayo.

Uxanduva lobutyebi kwabelwana ngalo phakathi kwabasebenzisi kunye norhulumente kwaye abahlali kunye norhulumente ngokulinganayo bayabandakanyeka ngelixa lokwenziwa kwezigqibo, ukuphunyezwa nonyanzelo lweenkqubo.

Le yindlela yolawulo eyiyenye eshenxa ekubeni urhulumente alawule oovimba baselwandle okanye basekuhlaleni kwaye iya kwindlela esekelwe kubahlali.

"... Ngokwayamene nendlela yolawulo ngokuhlangeneyo, uMgaqo-nkqubo ucingela, umzekelo, ukuba abahlali baza kubandakanyeka kubeko-liso lwesitokhwe ngokurekhoda okulotyiweyo nokubekwa kweliso lokufikelela kwindawo yabahlali abangabalobi" (Young, 2013).

Oku kuthetha ukuba ukuze ulawulo ngokuhlangeneyo lusebenze abahlali baza kubandakanyeka kwimisebenzi yolawulo enje ngale, ucwangciso, ulungiselelo, uququzelelo, ukuyalela, nokulawula oovimba kunye norhulumente.

Ngokwenene, kukho uninzi lwabachaphazelekayo bezokuloba ababandakanyekayo kulawulo ngokuhlangeneyo lwezokuloba.

Abachaphazelekayo bezokuloba bangachazwa njengabantu ngokuzimeleyo, amaqela okanye amaqumrhu anomdla kunye/okanye bangaphembelela ngokukuko okanye ngokungekuko ulawulo loovimba bezokuloba. Kumbuso wolawulo ngokuhlangeneyo, uzinzo lomelo phakathi kwabachaphazele-





Small-Scale Fisheries

Provisional lists are provisional.
DAFF and SSF are providing fishers with an opportunity to appeal their record of decision.



kayo luphawu olungundoqo kwimpumelelo yokuphunyezwa kwalo (Adrianto, 2005; Pomeroy and Rivera-Guieb, 2006).

Umba ekufuneka uxininiwe kweli ithuba kukuba ulawulo ngokuhlangeneyo kufuneka lubandakanye abachaphazelekayo abohlukeneyo abamele iimfuno ezahlukeneyo nemidla ngokunjalo.

Ngokuqhelekileyo, iintlobo ezine zabachaphazelekayo abangundoqo zingachongwa kulawulo ngokuhlangeneyo lwezokuloba. Baquka (1) abasebenzisi boovimba, ukuquka abalobi nabafuyi beentlanzi; (2) urhulumente, ukuquka urhulumente ongundoqo nowengingqi; (3) abanye abachaphazelekayo, ukuquka abahlali, abanini bezikhephe, abashishina ngezokuloba, abaqulunqi bentlanzi, phakathi kwabanye; kunye (4) negosa lotshintsho okanye abaququzeleli basekuhlaleni ukuquka amaqumrhu angekho phantsi kukarhulumente, iyunivesithi, amaziko ophando, phakathi kwezinye.

Ukuphetha, uxanduva lokulawula oovimba baselwandle kuza kwabelwana ngalo phakathi kwabahlali bengingqi kunye norhulumente (isebe lezokuloba). Oku kuthetha ukuba abalobi abakhasayo kufuneka baxhotyiswe ukuba bathabathe inxaxheba kuRhulumente ngokuphuhlisa nokuphumeza izicwangciso zolawulo.

Ochaphazelekayo ngamnye uza kuba namalungelo athile noxanduva. Iikomiti zolawulo ngokuhlangeneyo kufuneka zimiselwe kwaye ziza kubandakanya abalobi abangamalungu e-entithi yezomthetho yasekuhlaleni kunye nabameli bakarhulumente wephondo nowengingqi. Ukuba indawo ikufutshane ne-MPA, abameli bakagunyaziwe wezolondolozo lwendalo baza kubandakanywa.

Ekuhambeni kwexesha, abalobi namanye amalungu asekuhlaleni baza kuthabatha uxanduva olukhulu ngokuphila kwabahlali, indalo nolawulo loovimba baselwandle (Masifundise, 2014).

Umgaqo-nkqubo wezokuloba kwabakhasayo ngoku ukwinqanaba lesithathu lokuphunyezwa



Abalobi abaskhasayo kunyanzelekile bafumana ibhaskethi ezinentlazi ngaphantsi kwe SSFPolicy

KUFEHRUWARI ka-2015 iSebe lezoLimo, amaHlathi nezokuLoba (i-DAFF) liqalise ngophumezo loMgaqo-nkqubo wezokuLoba kwabaKhasayo (i-SSFP) ngokuphelelela iQonga lezokuLoba kwabaKhasayo, ukugazethwa kombhalo-ngqangi wemiGaqo yeGalelo loLuntu kunye nesimemezelo sokuBonakaliswa koMdlala.

Ukuphunyezwa kwe-SSFP kwakubandakanywe njengenjongo yeqhinga le-DAFF kwikota ephakathi (2014/15 – 2018/19) kunye neemali ze-Marine Living Resources Fund zabakhona ukuze kuqaliswe inkqubo yophumezo ka-2014/15.

KuMatshi ka-2015 abaniki-nkonzo bachongwa kwaye imiGaqo eGqityiweyo ne-Amended Marine Living Resources Act zabhengezwa kuMeyi ka-2015.

Kwabhengezwa ukuba isicwangciso sonatyiso sijonge ukuphumeza uMgaqo-nkqubo wezokuLoba kwabaKhasayok-wisigaba sexesha seminyaka emihlanu kwaye inkqubo iqulethe izigaba ezihlanu.

Isigaba 1: IsiGaba soLungiselelo

Esi sigaba sibeka isiseko esingqingqwa ngenjongo yokuqalisa inkqubo yophumezo loMgaqo-nkqubo wezokuLoba kwabaKhasayo.

Isigaba 2: UkuPhuhlisa kweziCwangciso zeNkxaso

Esi sigaba sifuna ukuba izicwangciso zenkxaso ezininzi ziphuhlise kwaye ziphunyezwe ngenjongo yokomeleza inkqubo yophumezo lwe-SSFP.

Isigaba 3: Ukumiselwa ngokusesikweni kwabalobi abakhasayo babe ngoomasibambisane

Esi sigaba sesona sibalulekileyo kulwabelo oluyimpumelelo lwamalungelo okuloba kwa-

bakhasayo kuba kukwesi sigaba apho bonke abalobi bokwenene kufuneka bachongwe, baqinisekise kwaye babhalise ngokwabalobi abakhasayo.

Isigaba 4: Ulwabelo lwamalungelo okuloba koomasibambisane bezokuloba kwabakhasayo

Esi sigaba yincam yophumezo lomgaqo-nkqubo wezokuloba kwabakhasayo nanjengoko oku yayiza kuba kukuqaliswa okusesikweni kwecandelo lezokuloba kwabakhasayo xa amalungelo okuloba esabelwa oomasibambisane bokuloba abakhasayo kuMatshi ka-2016.

Isigaba 5: Ulawulo nenkxaso yoomasibambisane bezokuloba kwabakhasayo

Esi sisigaba sokugqibela sophumezo kwaye sifuna iminyaka emithathu yokunikwa kwenkxaso yophuhliso koomasibambisane bokuloba kwabakhasayo. Esi sigaba siyafunwa ukuqinisekisa uphuhliso lwezoqoqosho nempumelelo yexesha elide yoomasibambisane.

Inkqubo ngenene iqale ngowe-2015 ngesebe limemezela abalobi abakhasayo ukuba babhalise abahlali beengingqi zabo njengamaqela anomdla kwinkqubo. ISebe lafumana ngaphezulu kwama-300 eefomu zokubonakaliswakomdla kwiingingqi zabalobi.

Kulo nyaka, isebe laqalisa ngobhaliso noqinisekiso lwabalobi kumaphondo amane agudle ulwandle kodwa libone i-KwaZulu-Natal ishiyekela emva kwinkqubo ngenxa yeengxabano nomniki-nkonzo.

Oku kwaye kwasonjululwa baza abalobi bephondo la-KwaZulu-Natal babhaliswa. Iphondo lokuqala elabona ukugqitywa kwinkqubo yobhaliso noqinisekiso yayinguMntla

Koloni kwaye kutshanje, isebe likhuphe uluhlu lwabalobi ababhalisiweyo nabaqinisekisiweyo eNtshona Koloni.

Ngoku kukho ingqumbo phakathi kwabalobi ngale nkqubo kwaye abaninzi baza kubhenela uluhlu lobambiso.

UCathy Thomas ilungu le-CLSA laseSt Helena Bay lithe kubalulekile ukuba oomama babandakanywe kuluhlu, "Abekho oomama abavelileyo kuluhlu lwethu kwaye sineeflekke ezininzi kwiingingqi zethu zabahlali. Ngokucinga kwam, uluhlu lobambiso alubonakalisi nani labalobi abakhasayo kwiingingqi yam yabahlali kwaye sikwinkqubo yokubhena singabahlali."

UNorton Dowries okhathazekileyo waseLangebaan waluchaza uluhlu lwaseLangebaan njengesithuko kubalobi bokwenene. "Ndithetha ukuba le nkqubo yindlalo, nam azange ndibekhona kuluhlu kwaye kudala ndingumlobi kwaye ndingumncedi IR iminyaka emininzi. Njengabalobi, kufuneka siqinisekise ukuba siyabhena ngoluhlu ukuze kubekho ubulungisa kubalobi."

Kwicala elihle, abalobi abaninzi baseMntla Koloni balandela inkqubo yokubhena kwaye i-DAFF yabhengeza ukuba ngenxa yoku, kuye kwabakho utshintsho kuluhlu lobambiso kwiphondo.

"Siza kulubona uluhlu lokugqibela lwedolophu yethu njengoko i-DAFF yaphawulayo, sithemba ngenene ukuba kukho utshintsho kwaye abalobi abakhasayo baza kuxhamla ngenene kule nkqubo," uphawule u-Eloy Adams wasePort Nolloth.

I-DAFF iza kubhengeza futhi ukuba iza kulukhupha nini na uluhlu lobambiso lweMpuma Koloni neleKwaZulu-Natal.

Umgaqo-nkqubo wophumezo ngoku ukwisigaba sesithathu. Isigaba esilandelayo siqulethe ukumiselwa koomasibambisane, abaza kwabelwa amalungelo okuloba.

ISIKOLO SABALOBI




Vol 16 No.4
By Brandan Reynolds

Kungentsasa yangoLwesibini, i-DAFF ikhuphe uluhlu lwabalobi abalungeleyo kwiingingqi zabalobi zaseNtshona Koloni. URasta, uThozama no-Edgar, baya kwiholo labahlali apho uluhlu lwedolophu lwalufumaneka khona kodwa ngokumangalisayo, ngu-Edgar kuphela owayelungele ukufumana iLungelo lokuLoba kwabaKhasayo.



Kudala ndingumlobi ubomi bam bonke, kwaye ngoku oku, ndiza kuphila njani?

Ndiza kubondla njani abantwana bam? Ingaba ikhona indlela endinokukhalaza ngayo malunga nesi sigqibo sesebe?



Ndivile ukuba abalobi abangakhange babe kuluhlu bangabhena, kukho iifomu ekufuneka bazigcwalise, abalobi baseMntla Koloni benze njalo, kwaye ngokukhangeleka kwezinto kuza kubakho iinguqulelo kuluhlu lwabo.

Singazifumana phi ezi fomu?



umntu kufuneka angene kwiwebhusayithi ye-Scale Fisheries; www.smallscalefisheries.co.za, aze aye ku-resource, iifomu zisemazantsi ephepha okanye qhagamshelana neMasifundise ukufumana uncedo.

Kodwa isebe kufuneka libe neekopi ezishicilelweyo zesandla kwii-ofisi zalo zengingqi, kuthiwani ngathi, thina singenakufikelela kwi-inthanethi, siza kuzifumana njani ezi fomu.



Andazi ukuba mandithini na, ndiyathemba ukuba le nkqubo yokubhena iza kunceda ngenene kuthi balobi bokwenyani.

Sonke sithemba ukuba iza kwenza njalo Rasta, iMasifundise iza kusikhuthaza ukuba silandele inkqubo kwaye singalahli ithemba. Khumbula ukuba asikubheneli oku, ngoko ke sibeka emngciphekweni ukungafumani amalungelo ethu.


Andazi Thozama, kwaye ndiyayiqonda inkxalabo yakho, umgaqo-nkqubo ufanele ukuba ubandakanye abalobi abakhasayo abangaphaya kwaye ungabavaleli ukuba bafumane amalungelo abo.



Ndiza kuqhagamshelana neMasifundise ukufumana uncedo.

Ndiza kuzama ndiye kwithala leencwadi ukuze ndifikelele kwi-inthanethi ndize ndidawunlowude iifomu.

Ewe maqabane, masingalahli' ithemba okanye sincame singakhange sizame.



Umhla wokungenisa isibheni saseNtshona Koloni nesaseMntla Koloni udlule ngelixa kwakuhanjiswa i-Fishers Net. Imihla yokungena yaseMpuma Koloni neyase-KZN yayiseza kubhengezwa yi-DAFF.



Nonoti, KwaZulu-Natal: Indawo ye-Kob, i-Garrick namanxweme amahle

AB AHLALI baseNonoti bame kumhlaba ongama-400 eehekthare owabuyiselwa ebantwini bawo nguTongaat Hulett nosapho lwakwaBodasingh.

<http://masifundise.org/community-profile-nonoti/>

Ingingqi yabahlali yaseNonoti inezindlu ezingama-300. Imelwe yi-Inqaba Community Trust. ITrasti leyo yafumana umhlaba ngesigqibo sothethathethwano olwaba yimpumelelo yobuyiselo-mhlaba ngongqinelwano nebango lomhlaba elafakwa ngabahlali (tikzn.co.za, 2016).

I-Coastal Links South Africa inamalungu amaninzi aseNonoti angakhiwanga ngokwesebe ngoku, ngako oko angena (okwangoku) phantsi kwesebe laseStanger. Abahlali baxhomekeke kwimisebenzi yentlutha eyahlukeneyo, le iquka ukusebenza ezikolweni, kwiiloji, ukuqhuba iiprojekthi zasekuhlaleni nokuloba. Abalobi abangamadoda noomama basebenzisa umlambo iNonoti nolwandle ukubamba i-Kingfish, i-big Kob ebusika ne-Garrick.

NgokukaLindani Ngubane ongumsebenzi wangaphandle wase-KZN weMasifundise, abalobi baseNonoti ngaphambili babequzelelwa lilungu le-CLSA uSamkeliswe Mchunu, owasweleka kunyaka ophelileyo. Isebe kusafuneka limiselwe ngokusesikweni.

“Abalobi baseNonoti ababandakanywanga ngokusesikweni njengesebe elizimeleyo, le nkqubo isacwangciswa”, utshilo uNgubane. “Nangona bengekabikho ngokusesikweni abahlali bathabatha inxaxheba kwinkqubo yobhaliso noqinisekiso yoMgaqo-nkqubo wezokuLoba kwabaKhasayo, utshilo kwakhona. “Sikhuthaze abalobi ukuba bayokubhalisa kwaye ukuza kuthi ga ngoku bonke abalobi kwingingqi bathabathe inxaxheba kwinkqubo leyo”.

Ingingqi imi kudonga olusemntla lweNonoti Estuary kufutshane naseStanger eDolphin Coast, KwaZulu-Natal. Abahlali baseNonoti basebenzisa ichweba yonke imihla ukufikelela kweyona dolophu ikufutshane, iZinkwazi, ekumgama oziikhilomitha ezintathu.

I Nonoti Estuary ithe tyaba kwicala langaselwandle le-N2 apho uMlambo iNonoti udibana nolwandle, phantse kwisiqingatha phakathi kweedolophu ezingaphakathi kwelizwe KwaDukuza naseMandini.

Ichweba neendawo zalo ezijikelezileyo ezikufutshane lunxweme lwamandulo olunabileyo olulodwa ngenene olungalinganiyo ngobuhle.

Kodwa ngokwayamene neeNdawo zokuhlala zaseMzantsi Afrika ukuxananaza



Indawo yokuhlala eselunxwemeni iNonoti KwaZulu-Natal

kwedolophu yaseThekwini ukuya kutsho ku-N2, nophuhliso lwe-King Shaka International Airport, kuthetha ukuba oku kunaba konxweme, namanxweme ako acwengileyo nemimandla yeengquzu zentlabathi, aphantsi koxinzelelo nanjengoko imfuno yeeppropati kuNxweme laseMntla isanda.

Ukuhlangabezana neemfuno zophuhliso, kwaye kusakhuselwa futhi eli candelo lonxweme, yingxaki. I-Arhente yoPhuhliso lwezoQoqosho ikwinkqubo yokuphuhlisa indawo yokhenketho lonxweme oluqhutywa ngabahlali eza kuquka i-eco-lodge.

Izalathiso:

<http://www.sa-venues.com/attractionskzn/nonoti-estuary.php>

<http://ballito-online.com/node/158>

<http://www.tandfonline.com/doi/pdf/10.2989/025776102784528574>

http://www.tikzn.co.za/resources/docs/investment_opportunities/Nonoti_Beach_Resort_-_Nonoti.pdf

AMANQAKU NGOKULOBA

- Uhlumo kwisitokhwe seentlanzi sehlabathi sokuba sityiwe ngabantu ludlule uhlumo lwabantu kwiinkulungwane ezintlanu ezidlulileyo, kusandisa izinga lonyaka le-avarejiye-3.2 pesenti kwisithuba sexesha lowe-1961–2013, ngokuphindaphindeneyo kuleyo yohlumo lwabantu, oko kugqibelela ekunyukeni kwe-avareji ngokobukhobomntu ngamnye.
- Okubanjweyo kukonke ehlabathini kwemveliso yezokuloba ngowe-2014 kwakungama-93.4 miliyoni eetoni, apho ama-81.5 miliyoni eetoni avela kumanzi olwandle kwaye ama-11.9 miliyoni eetoni avela kumanzi angaphakathi kwelizwe (WWF, iSimo sezokuLoba seHlabathi, 2016)

Published by: **Coastal Links and Masifundise Development Trust**

1 Station Road, Mowbray, Cape Town 7700

Email: info@masifundise.org.za • Tel: 021 685 4549 • Fax: 021 685 3816



This project is funded by the European Union



This project is implemented by Masifundise.

The views expressed in this publication do not necessarily reflect the views of the European Commission.